



ISIKHOKELO SOKWAZISA NGOKHUSELEKO LWE-INTANETHI

INXALENYE YEBHOKISI YEKITI YOKWAZISA NGOKHUSELEKO
LWE-INTANETHI KUBAFUNDI



British
High Commission
Pretoria

UNISA | college of
science, engineering
and technology

Ngenkazelo engakumbi tyelela:
<https://www.cybersecurityhub.gov.za/cyberawareness/>
<http://cyberaware.co.za>



Iziqulatho

Intshayelelo

IKOMISHINI EPHAKAMILEYO	1	IZIKO LOKUKHUSELAKA	
YASEBRITHANI		KWI-INTANETHI	2
ISEBE LONXIBELELWANO		IYUNIVESITI YOMZANTSİ AFRIKA	3
NEDIJITHALI TEKNOLOJI:		INTSHAYELELO	4




Ukukhuseleka Kwi-Intanethi Kubalulekile	5
---	---



Umxholo 1 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: Uhambo Oluya Kwinethiwethi Ye-Intanethi

Intshayelelo	6	Umxholo 1.1: Uphawu Lwedijithali	8
Ubalo-manani / Inyani Enikis' Umdla	6	Umxholo 1.2: lingozi kanye	
Iinzozo Zenethiwelki Ye-Intanethi	7	Nezisongelo Kwi-Intanethi	8
Izinto Ezimbi Ngenethiwelki Ye-Intanethi	7	Umxholo 1.3: Imfihlo Kwi-Intanethi	8



Umxholo 2 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: Ukukhusela Abantu

Intshayelelo	9	Umxholo: 2.1: Ukuhlutshwa	
Ubalo-manani / Inyani Enikis' Umdla	9	Kwi-Intanethi	11
Ukuchanabeka Kwabantu	10	Umxholo: 2.2: Ukukhuseleka	
Oonobangela Bezisongelo	10	Kwentsapho	11
		Umxholo: 2.3: Ukuncokola,	
		Imbeko Nokuziphatha	11



Umxholo 3 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: Ukukhusela liDivayisi

Intshayelelo	12	Umxholo 3.1: Izsongelo KwiTeknoloji	14
Ubalo-manani / Inyani Enikis' Umdla	12	Umxholo 3.2: liDivayisi Zefowuni	14
Ukuqinisa liDivayisi	13	Umxholo 3.3: Ukhuseleko Kwizinto	
Ukuba Sesichengeni KweeDivayisi	13	Ezimoshayo	14



Umxholo 4 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: I-Smart Apps

Intshayelelo	15	Umxholo 4.1: Amajelo Okuncokola	17
Ubalo-manani / Inyani Enikis' Umdla	15	Umxholo 4.2: Ukhuseleko	
Ukuqinisa li-App	16	Kwibrawuza Ye-Intanethi	17
Ukuba Sesichengeni Kwee-App	16	Umxholo 4.3: Imidlalo	17



Umxholo 5 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: Inkcazelo Eluncedo

Intshayelelo	18	Umxholo 5.1: Izinto Ezixhaphazayo	
Ubalo-manani / Inyani Enikis' Umdla	18	Nezingafanelekanga	20
Ukuqinisa Inkcazelo	19	Umxholo 5.2: Imikhonyovu	
Ukuba Sesichengeni Kwenkcazelo	19	Ekwi-Intanethi	20
		Umxholo 5.3: Ukulawula IPhasiwodi	20



Isifungo Sokwazisa Ngokukhuseleka Kwi-Intanethi

Lingcebiso Ngokwazisa Ngokukhuseleka Kwi-Intanethi



IKOMISHINI EPHAKAMILEYO YASEBRITHANI



British
High Commission
Pretoria

Urhulumente waseBrithani uyazidla ngokuxhasa eli phulo elijoliswe ekukhuliseni ulwazi ngokhuseleko lwe-intanethi kubafundi abasebenzisa amaqonga edjithali. Sicwangcise ukuqhubeka sithethathethana kunye nokuba nobudlelwane norhulumente, amashishi abucala, amaziko emfundo, iingcali ze-intanethi kunye nabantu eMzantsi Afrika ukuze sisebenzise ngakumbi amaphuo afana nala okukhuseleka kwi-intanethi.

Ikiti yeziqhobo Yokwazisa Ngokukhuseleka Kwi-Intanethi yamiselwa ukuze inikele ukhuseleko lwe-intanethi kunye nokwazisa ngemfundu kubafundi yaye ixhobise ootitshala ukuze bakwazi ukuze bakhuthaze ukuba nesimo sengqondo esihle nokwenza kube lisiko ukukhuseleka kwi-intanethi. Sijolise ekuxhaseni abantu abahlelekileyo kunye nezikolo ezinokungabi nawo amaziko okufundisa ngokukhuseleka kwi-intanethi.



Nigel Casey

Umkomishini Ophakamileyo
waseBrithani eMzantsi Afrika

Ukusebenza kwesi sixhobo kuye kwaphuhliswa kwindibanselwano neYunivesiti yoMzantsi Afrika (UNISA) kunye neSebe Lonxibelewano neDijithali Teknoloji (DCDT). Obu budlelwano kunye neminikelo eyenziwego iphathelele ukuqukwu kwedijithali kunye notshintsho lwedijithali.

Ikomishini Ephakamileyo yaseBrithani ithanda ukubulela i-UNISA, i-DCDT kunye neZiko Lokukhuseleka Kwi-Intanethi ngokuxhasa okungagungqiyo kule nkubo.



ISEBE LONXIBELELWANO NEDIJITHALI TEKNOLOJI: IZIKO LOKUKHUSELAKA KWI-INTANETHI



Pinky Kekana

Usekela Mphathiswa: Isebe
Lonxibelevano Kunye NeDijithali
Teknoloji

Ihlabathi leteknoloji lisinike luhulu, kodwa kungakhona okukhulu kunelixesa lobhubhani womhlaba esiphila phakathi kwawo. Iye yavumela uqoqosho lukho ngandlel' ithile ngokusebenza kwabantu ekhaya, besiba neentlanganiso zeqela, ukwenza intengiselwano, Urhwebo Iwe-elektroniki, ukuthenga usekhaya uze uzelwe ezo zinto yaye nokunye. Iye yabangela abantwana emhlabeni wonke bakwazi ukuya esikolweni, befunda besebenzisa amagumbi e-intanethi, kodwa abo abakwazi ukuyisenzisa.

Kuye kwakwazi ukwenziwa kwee-PPE ezidingeka kakhulu, ngenxa yeteknoloji efana nokuprinta nge-3D. Ukuxhomekeka kwiteknoloji yedijithali kuye kwaba yinto eqhelekileyo kubantu abaninzi emhlabeni kunye naseMzantsi Afrika.

Ngoxa iteknoloji entsha nekhulayo iye yasazisa kwihihlabathi lokusebenzisa, lokwenza lula, nokwahluka okukhulu, okubuhlungu kukuba iye yasivulela ingozi yokuba ngamaxhoba ezaphuli-mthetho ze-intanethi ezisehlabathi nezasekuhlaleni. Izaphuli-mthetho ziye zenza amashishini alungelelanisiweyo nanenzuso ngokujolisa kubantu ngabanye bucala, amashishini amakhulu nakhulayo ngokwenza uthotho lolwaphulo-mthetho Iwe-intanethi.

Oku kwenza 'ungquzulwano lwedijithali', nto leyo ethetha ukuba ngoxa oorhulumente kunye nemibutho inokunikela iinkonzo ezingakumbi, ngokukhawulela kakhulu kunangaphambili, izaphuli-mthetho ze-intanethi ziye zaba ngumkhosi onamandla ochasayo, zichanaba abantu ekubeni nezinto ezintsha ezintle kunye nokuhula, okwangoku zenza ukuhambelo phambili kweteknoloji kuxhalabise. Kuye kwabakho ulwando kumanani okuhlasela okunxamnye nezibonelelo zikazwelone, ukuhlasela kakhulu kwemibutho kunye nokubiwa kwedatha yenkcachelo eyimfihlo yabemi belizwe.

Nxamnye Nenkubo Yesikhokelo Kazwelone Yokukhusela Kwi-Intanethi (NCPF), iSebe liye lamiela Iziko Lokukhusela Le-Intanethi ngo-Oktobha 2015, lenze iqonga kuMzantsi Afrika lokuxela iingozi ze-intanethi yaye linceda amaxhoba olwaphulo-mthetho Iwe-intanethi.

Inxalenye yenjongo yeli Ziko kukusebenzisa inkqubo kazwelone, Yokukhulela Kwi-intanethi, kubemi ukuze balumkele izisongelo neengozi zenethiwekhi ye-intanethi, ngonya besebenzisa ngokuyingenelo yenkcachelo yeminyaka. Ukwazisa Ngokhuseleko Lwe-Intanethi ngumbandela wokutshintsha indlela yokuziphatha, nocelomngeni lokwenza izinto. Njengokubaluleka kuzwelone, ifuna ulungelelwano yaye nendlela ebanzi, njengethulo Lokwazisa Ngokhuseleko Lwe-Intanethi simele sifikelele kubo BONKE abantu belizwe. Kulo mongo, indima yamashishini abucala kunye nemfundo awamele nanini na ajongelwe phantsi. Ukuqinisekisa oku yaye nokufikelela abaninzi, Iziko Lokhuseleko Lwe-Intanethi lamielwa njengendawo ekumbindi, kubudlelwano obuphakathi kwamashishini, urhulumente kunye nemfundo.

Oku bekusiseko esitsha sendibaniselwano iSebe Lonxibelevano kunye neDijithali Teknoloji (kwiZiko Lokukhusela Le-Intanethi), kunye Nekhomishoni yaseBrithani, kwi-Foreign kunye ne-Commonwealth Office (FCO), kuquka iYunivesiti yoMzantsi Afrika – ukuze kupuhliswe uthotho oluxhasa ukwazisa ngokhuseleko Iwe-intanethi, kujoliswe kubafundi, ootishala kunye nabazali.

Kusivuyisa kakhulu oku, njengoko sikholelwa ekudluliseleni ukhokelo kunye nolwazi olusebenzisekayo kubafundi besikolo nabafunda indlela yokusebenzisa phakathi kwabo idijithali yehlabathi. Abafundi besikolo ngabona basixhalabis kakhulu, njengoko lisanda inani lokuyisenzisa kwabo, kongezelwa kulwazi olusikelwe umda Iwe-intanethi, yaye bachanabeke kwiingozzi nakuxanduva lokuba ngummi wedijithali, kubenza babe ngamaxhoba alula, ngoko ke, uxanduva lwethu kubo, ukuze sibenze balumkele iingozi kunye nezisongelo abajamelene nazo.

Iqela liye lenza inkqubo esebezayo neyenzo izinto eziliqela endaziyo ukuba ziza kwamkelwa ngabafundi, ootishala, abazali, abanyamekeli njalo njalo, njengoko izibeka kumbindi wokhuseleko Iwe-intanethi.



IYUNIVESITI YOMZANTSXI AFRIKA



UProfesa Elmarie Kritzinger

IYunivesiti YoMzantsi Afrika

ITeknoloji itshintsha ihlabathi lethu ngenqubo ekhawulezileyo nehambela phambili ngokupuhlisa nokunikela Ulwazi Lokunxibelelana LweTeknoloji (ICT) needivayisi ezayamene noko kubasebenzisi bazo emhlabeni. linkalo zobomi bethu ezininzi sele ziyxinalenye ye-ICTs kunye needivayisi ze-ICT njengefowuni ebanjwa ngesandla, ii-laptop, kunye neethablethi. Idivayisi zeTeknoloji kunye ne-ICT ziya zisiba, zincinane, zahluka ngokusetyenziswa kweteknoloji enku. ITeknoloji ayonto nje ephezulu kodwa sisidingo kubasebenzisi abaninzi.

Sisebenzisa i-ICTs kunye needivayisi ze-ICT ukuze kunxibelelwane kwinethiwekhi ye-intanethi kuncokolwe, kudityanwe nabanye abantu yaye nokufumana inkcaelo. Inethiwekhi ye-intanethi yinethiwekhi yehlabathi edibanisa abasebenzisi be-intanethi emhlabeni wonke kwiinethiwekhi ezikhawulezayo nezingenasidubedube. Abasebenzisi be-intanethi bahlukile ngeminya, unqulo, ulwimi kunye nakwindawo abahlala kuzo. Idivayisi ze-ICT ezininzi kakhulu Zidibana kwinethiwekhi ye-intanethi ukuze zibeyinethiwekhi enye yehlabathi yeenethiwekhi ze-ICT, iidivayisi kunye nabasebenzisi be-intanethi.

Abasebenzisi be-intanethi baba ngabemi bedijithali kwihi labathi le-intanethi elinemithetho eyahlukeno, eneengqwelasela kunye nemali yedijithali. Umsebenzisi ngamnye we-intanethi wenza uphawu lwe-intanethi (ngokomzekelo, imifanekiso, imiyalezo nokuphanda imbali) kwinethiwekhi ye-intanethi engenakutshintshwa okanye icinywe. Ngoko ke, kubalulekile ukuba bonke abasebenzisi be-intanethi baqonde ifuthe kunye nemiphumo yezenzo zabo kwinethiwekhi ye-intanethi.

Ilinzudo zenethiwekhi ye-intanethi zinkulu yaye zineenzuso zempilo ukusa kwimfundu. I-ICT iye yanika abasenzisi be-intanethi amalungelo okukwazi ukunxibelelana nabanye abasebenzisi be-intanethi emhlabeni wonke, babbane nge-intanethi, basebenze naphi na, yaye bathenge iimveliso bekumakhaya abo. Ezinye iiteknoloji ezitshintsha ubomi ziquka iimoto eziziqhubayo, ukuprinta nge-3D nemfundu ye-intanethi. ITeknoloji iye yatshintsha indlela esicinga ngayo, esenza ngayo kunye nesiphila ngayo.

Noko ke, ukusebenzisa iteknolooji nokuba kwinethiwekhi ye-intanethi kukwanezinto ezininzi ezingumqobo. Iingozi kunye Nezisongelo Kwi-Intanethi kunokukhokelela kulwaphulomthetho lwe-intanethi (ngokomzekelo, ukubiwa kwesazisi, ukuhlutshwa kwi-intanethi, nokuphulukana nemali) yaye abasebenzisi be-intanethi banokuqhathwa baze babe ngamaxhoba kwezi ntlaselo ze-intanethi.

Bonke abasebenzisi be-intanethi (ngokukodwa abantwana kunye nabafikisayo) bamele benziwe balumkele ukhuseleko lwe-intanethi nendlela abanokuqiniseka ngayo ukuba bayaliqonda ifuthe Iwenethiwekhi ye-iintanethi elinokuba nayo kwizenzo zabo, impilo kunye neemvakalelo. Kubalulekile ukuqonda ukuba zonke izinto ezenziwa kwi-intanethi ziba neziphumo enokuba yingenelo okanye umonakalo kumsebenzisi we-intanethi.

Inethiwekhi ye-intanethi ayichazwa njengentle okanye embi kodwa ichazwa ngezenzo zabasebenzisi be-intanethi kwinethiwekhi ye-intanethi. Ngoko ke, kubalulekile ukuba bonke abasebenzisi be-intanethi benziwe bakulumkele ukuziphatha ngokungafanelekanga kwinethiwekhi ye-intanethi kuquka nendlela yokuzikhusela kwabo yaye nenkcaelo yabo kwabanye abasebenzisi be-intanethi elingenamilinganiselo yaye nelingenajongo yokuziphatha kakuhle.

Iprojekthi Yokuthethathethana Nabahlali Yokwazisa Ngokhuseleko Lwe-Intanethi kwiYunivesiti yoMzantsi Afrika (UNISA) ijoliswe ekuncedeni yaye nasekuxhaseni abasebenzisi be-intanethi (kubahlali, kubafundi besikolo, kootitshala kunye nabazali) ngesidingo sokwazisa ngolwazi lokhuseleko lwe-intanethi ukuze kuphuculwe ulwazi lwabo ngokhuseleko nge-intanethi kunye nobugcisa bokuzikhusela kuquka nenkcaelo yabo kwinethiwekhi ye-intanethi.

Injongo kukuba bonke abasebenzisi be-intanethi bakhuseleke, bakhuseleke kwi-intanethi. www.cyberaware.co.za



Intshayelelo Kwesi Sikhokelo

Inkcazelol Yokuncokola NgeTeknoloji (ICT) iye yaba yinxalenye yobomi bethu bemihla ngemihla. Sisebenzisa iividayisi ze-ICT kwimfundu, ekuqokeleleni inkcazelol nakwizinto eziyamene nomsebenzi. Idivayisi ze-ICT ziye zifumaneka kubo bonke abasebenzisi ngenxa yokufumaneka okwandayo yaye nokuncipha kweendleko. Uninzi lweedivayisi ziyakwazi ukungena kwi-intanethi, zivumela umsebenzisi angene kwinethiwekhi ye-intanethi.

Wamkelekile KwiSikhokelo Sokwazisa Ngokukhuseleko Kwi-Intanethi. Esi sikhokelo sijoliswe ngokubanzi kubasebenzisi be-intanethi.

- Esi sikhokelo sijoliswe ukuze silumkise bonke abasebenzisi be-intanethi ngendlela yokukhuseleka kwi-intanethi.
- Injongo eyintloko yesi sikhokelo kukuphucula ulwazi oluqhelekileyo lwabasebenzisi be-intanethi nokuqonda indlela yokuzikhusela bona nxamnye nolwaphulo-mthetho lwe-intanethi.

Dibana no-C², uqequesho lwe-intanethi kwiphulo lokukuncheda ufunde ngendlela yokukhuseleka kwi-intanethi. Uqequesho ngalunye lubonisa ukabaluleka komxholo we-intanethi owudingayo ukuze ulumke yaye ufunde ngalo.

- Umxholo 1 (**Uhambo Olya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi**) sinalo Idangatyel Eliqhelekileyo. Inkoheli ye-C² – waphulukana nokubona edabini kodwa wazuza ukuqonda, ngokucofa koovimba bolwazi abakhulu kwinethiwekhi ye-intanethi.
- Umxholo 2 (**Ukukhusela Abantu**) sinaye uProfesa Guardian. Unentliziyo entle. Nangona enovelwano ngabantu, unqongqo kwizaphuli-mthetho kunye nabahluphi abahlasela abantu abamsulwa.
- Umxholo 3 (**Ukukhusela liDivayisi**) sinayo u-Techno. Uyingcali yazo zonke izinto zedijithali –uyakuqonda ukusebenza kwayo nayiphi na idivayisi ngaphakathi.
- Umxholo 4 (**I-Smart Apps**) sinayo Idivayisi. Isebenzisa ifuthe layo elikhulu kwimidlalo kunye namajelo okuncokola, ukuze imanyanise abantu ukuze ixhase unobangela wesiqinisekiso.
- Umxholo 5 (**Inkcazelol Eluncedo**) sinayo Ikhripto. Isikena inkcazelol yaye inceda ekuyivaleleni kubantu ababi abangayifumana.

**ABANTU ABAQEQESHELWE
UKUNCEDA NGE-INTANETHI**

Sikukhokela Kwinethiwekhi Ye-Intanethi



Esi sikhokelo yinxalenye yesixhobo sekiti ngokhuseleko lwe-intanethi esenzelwe ukufundisa abantu ngokukhuseleka kwi-intanethi, ngeendlela ezahlukileyo nezivuyisayo. Uya kukwazi ukufikelela kuzo zonke izinto enokuzisebenzisa njengezixhobo ezibalulekileyo ukuze ukhuseleke kwi-intanethi.

Iqonga Le-Intanethi



Iincwadi



Ukukhangela Amagama



Iividiyo



Iiposta



Oopopayi



Imidlalo



Ngenkcazelol engakumbi tyelela:

<https://www.cybersecurityhub.gov.za/cyberawareness/>
<http://cyberaware.co.za>



Ukukhuseleka Kwi-Intanethi Kubalulekile

Intshayelelo Kwinethiwekhi Ye-Intanethi

Inethiwekhi ye-intanethi lihlabathi le-intanethi leenethiwekhi zekhompyutha kunye noovimba bedatha, ngokukhethekileyo yi-Intanethi. Ibizwa ngokuthi lihlabathi ledijithali, ihlabathi olisebenzisayo xa usebenzisa ifowuni, ikhompyutha yaye nayiphi na idivayisi ukuze uye kwi-intanethi.

Njengoko sisebenzisa iidivayisi zethu ukuze sidibane nabanye abantu, sifunde, sidlale imidlalo yevidiyo yaye nezinye izinto ezininzi, kufuneka silumkele iingozi kwinethiwekhi ye-intanethi ukuze sikwazi ukuzikhuela thina kunye needivayisi zethu. Unelungelo lokuba yinxalenye yehlabathi le-intanethi entle kangaka ngaphandle kokukhathazeka ngenxa yayo yonke imingcipheko (xa uchanabeke engozini) kunye nezisongelo (xa unokonzakaliswa yinto ethile)!

Kwesi sikhokelo, uza kufundakakhulu ngokubaluleka kweendlela zokukhuseleka kwi-intanethi, kuba ukukhuseleka kwi-intanethi kabalulekile ukuba sifuna ukuzikhuela thina yaye nabo bonke abantu esibakhathalelayo.

Nazi ezinye iinzuzozokukhuseleka kwi-intanethi:

Ngokulumka usenokukuphepha ukucofa "izinto ezingahlawulwayo" ezikulobel a ekuvuleni ivayirasi, izinto eziyingozi nezinqanda ukusebenzisa ikhompyutha.

Ndikhuselekile, sikhuselekile. Ukukhuseleka kwi-intanethi kuza kukukhusela kuthotho lwezisongelo – abantu abahlaselayo kwi-intanethi, abahluphi, izaphuli-mthetho kunye neixhobo ezahlukeneyo neendlela abazisebenzisayo.Ukuba noqhelisel ouhle kuzuzisa wonke umntu ekhaya, esikolweni, emsebenzi, kunye nasemhlabeni jikelele.

Ngokukhuseleka kwi-intanethi kuza kukukhusela ekufumanenii variasi kwiidivayisi zakho – kabalulekile ukusebenzisa izinto ezilwa nevayirasi, ungayitsibi ke. Kuza kukukhusela kwivayirasi ezininzi zekhompyutha.

Ezinye iingozi nezisongelo noko zikuthethayo:

Amaziko ezisongelo – abantu okanye iqela labantu abasebenzisa inethiwekhi ye-intanethi ukuze bakonzakalise okanye bakubele (bakusikeme), ngezi ndlela:

- **Abantu abahlaselayo** – abantu abafuna ukukwenzakalisa ngokwesondo.
- **Izaphuli-mthetho ze-intanethi** – abantu abafuna ukutyalia i-software eyingozi, njengevayirasi, izinto eziyingozi okanye abanqanda ukungena kwikhompyutha, kwidivayisi yakho ukuze bayonakalise okanye ukukoyikisa.
- **Abantu abasikemayo** – ngabantu ababa imali okanye inkcazelu kuwe ukuze bayisebenzise okanye bayithengise.
- **Abantu abahluphayo kwi-intanethi** – Abantu abakuhluphayo besebenzisa umyalezo we-elektroniki besebenzisa i-imyili, iiwebhusayithi, amajelo okuncokola okanye iiblogu.
- **Abaqhekezi** – Umntu okanye iqela labantu abanobuchule bokusebenzisa iinkqubo zekhompyutha yaye banokungena ngokungekho semthethweni kwiinkqubo zekhompyutha zabucala.
- **Umntu ongaziyo** – Umntu ongaziyo ukuba into ayenzayo iza kuphumela ekwenzeni okanye ekuxhaseni uhlaselol iwe-intanethi.

Esi sikhokelo siza kukunceda uqonde ukubaluleka kokukhuseleka kwi-intanethi. Nantsi indlela yokusisebenzisa:

- Siza kuxubusha imixholo 5 eza kukunceda ukhuseleka kwi-intanethi ngelixa wonwabela ihlabathi ledijithali.
- Umxholo ngamnye uza kutshayelelwaa, yaye emvakoko imixholo 3 iqukiwe kumxholo ngamnye oxubushwayo.
- **Uqequeso oluthandayo lwe** - intanethi luza kuba luncedo ukuze lukunike iingcebiso nenkcazelol ekwazisa nge-intanethi.
- Ungazikhathazi xa ungasiqondi esinye isigama – siye saqiniseka ukukunika ingcaciso emnandi kunye nentsingiselo yolwimi olusetyenziswe kwinethiwekhi ye-intanethi.

Imixholo

Umxholo 1: Uhambo Oluya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi

Umxholo 1.1: Uphawu Lwedijithali

Umxholo 1.2: Iingozi kunye Nezisongelo Kwi-Intanethi

Umxholo 1.3: Imfihlo Kwi-Intanethi

Umxholo 2: Ukukhusela Abantu

Umxholo 2.1: Ukuhlutshwa Kwi-Intanethi

Umxholo 2.2: Ukukhuseleka Kwentsapho

Umxholo: 2.3: Ukuncokola, Imbeko Nokuziphatha

Theme 3: Securing Devices

Umxholo 3.1: Izisongelo KwiTeknoloji

Umxholo 3.2: LiDivayisi Zefowuni

Umxholo 3.3: Ukhuseleko Kwizinto Ezimoshayo

Umxholo 4: I-Smart Apps

Umxholo 4.1: Amajelo Okuncokola

Umxholo 4.2: Ukhuseleko Kwibrawuza Ye-Intanethi

Umxholo 4.3: Imidlalo

Umxholo 5: Inkcazelol Eluncedo

Umxholo 5.1: Izinto Ezixhaphazayo Nezingafanelekanga

Umxholo 5.2: Izkemu Ze-Intanethi

Umxholo 5.3: Ukulawula IPHasiwodi



Umxholo 1: Uhambo Oluya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi



Kubalulekile ukuqonda ifuthe lenethiwekhi ye-intanethi.

Kumxholo 1 kukho **IDANGATYE ELIGHELEKILEYO** ngamandla okucofa koovimba bolwazi abahlukeneyo kwinethiwekhi ye-intanethi.

Intshayelelo

Wamkelekile Kumxholo 1 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: Uhambo Oluya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi.

Xa sibhekisela kwifuthe lakho, olu luhawu lwakho lwedijithali. Uphawu lwakho lwedijithali lufana namanyathelo owashiya ngasemva esantini okanye kwindawo emanzi. Noko ke, olu phawu koko ukushiya ngasemva kwinethiwekhi ye-intanethi. Uphawu lwakho lwedijithali lwenziwa yiyo yonke imisebenzi, izenzo kunye nonxibelewano olwenzayo kwi-intanethi, olunokulandeleka, njengoko le misebenzi iboniswa kwi-intanethi. Uphawu lwakho lwedijithali alunako tu ukucinywa.

Uhambo Oluya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi - Imixholo:	Umxholo	1.1	Uphawu Lwedijithali
	Umxholo	1.2	Iingozi kune Nezisongelo Kwi-Intanethi
	Umxholo	1.3	Imfihlo Kwi-Intanethi

Ubalo-manani/Inyani Enikis' Umdla

Ngoko ke, kubalulekile ukwazi inyani ephathelele ihlabathi ledijithali esiyisebenzisayo yonke imihla:

NGABA UBUSAZI?

- UTim Berners-Lee waqalisa Intanethi ngo-1989.
- I-Intanethi inkulu yaye kunzima ukuyilinganisa ngobukhulu!
- Mzuzu ngamnye kuthunyelwa imiyalezo engama-20.8 yezigidi ku-WhatsApp ehlabathini, yaye yimiyezo engama-220 000 ku-Twitter.
- Ukusetyenziswa kwamajelo okuncokola kuphantse kwaphindeka ebudenibei-Covid-19.



- I-50% yabo bonke abantu iye yahlutshwa kwi-intanethi.
- Ngo-2021 yibhiliyonu enye yabantu eAfrika eza kuba ne-Intanethi kwikamva.
- Kukho malunga nama-13 842 okuzama ukuhlaselana nge-Intanethi eMzantsi Afrika ngosuku.
- I-73% yabantu boMzantsi Afrika iye yaba ngamaxhoba olwaphulo-mthetho Iwe-Intanethi kwangoku.

Iingcebiso Zokukhuseleka Kwi-Intanethi Ziza Kuqukwa Kwesi Sifundo

Gcina uphawu oluhle lwedijithali

Qonda ukuba izinto ozenzayo okanye owabelana ngazo, zinokugcinwa ngonaphakade kwinethiwekhi ye-intanethi.

Zilumkele iingozi kune nezisongelo kwi-Intanethi

Unelungelo lokukhuseleka kwi-intanethi, kodwa ukhumbule ukuziphatha kakuhle nangokufanelekileyo.

Kulumkele ukwabelana ngenkcazeloyobuqu Inkcazeloyenokubiwa ize isetyenziswe zizaphuli-mthetho okanye ithengiswe kwiimarike.





Umxholo 1: Uhambo Oluya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi

Iinzuzo Nezinto Ezimbi Kwinethiwekhi Ye-Intanethi

Sinenkcazelo ezininzi kune neteknoloji eminweni yethu!

Inene siphila kwihlabathi lobuqu KUNYE neledijithali!

I-Intanethi kune nehlabathi ledijithali kokubini inokuba ntle yaye ibe mbi. Kungenxa yaloo nto ukhuseleko lwethu lwe-intanethi luye lwabaluleka ngendlela efanayo nokhuseleko lwethu lobuqu. Ungacingi ukuba izaphuli-mthetho ze-intanethi zibhanxekile okanye azikho krelekrele-zilungelelene kakhulu, zikrelekrele yaye zinobuchule kakhulu. Injongo yazo ephambili kukukwenzakalisa nangayiphi na indlela ezinokuyifumana!

Nantsi enye inyani entle nembi ngokusebenzisa i-Intanethi kune inokuba nophawu lwedijithali:

Ngokuba nophawu lwedijithali, sinako...

Okuhle

- Unokuba kwi-intanethi yaye ukhangale nantoni na ngokucofa iqhosha!
- Ukuncokola ngokulula nabahlobo nokwenza abahlobo abatsha kuphawu lwabo lwedijithali.
- Funda okungakumbi ngabantu, into onokuyenza kukabajonga kwi-intanethi.

Uyahlutshwa Kwi-Intanethi? Kuxele oko, musa ukungakuhoi.

Kodwa



Zimisele ukugcina uphawu lwakho lwedijithali lucokekile.

Okubi

- Kwathetha ukuba singamaxhob alula ezaphuli-mthetho ze-intanethi!
- Ekuambeni kwexesha, ushiya uphawu lwakho oluya kubonakala kwinethiwekhi ye-intanethi.
- Ukuba inkcazelo yakho yobuqu igcwele kwi-intanethi, unako ukuba lixhoba lezaphuli-mthetho.


Kwake kwathiwa i-intanethi iyadika.

Kulumkele owabelana ngako!

Yenza isigqibo sokuba inkcazelo yakho yobuqu ikhuselekile.

Ngokuba kwinethiwekhi ye-intanethi, uba NGUMMI WE-INTANETHI, kuba uyinxalenye yedijithali okanye abantu be-intanethi!

Abantu be-intanethi ngabantu abakwi-intanethi okanye abayisebenzisayo. Ukuba ungowabantu abathile, oko kuthi ungoweqela labantu owabelana ngobomi bakho nabo. Inokuba ngabantu bokoqobo, njengecawa, isikolo okanye indawo ohlala kuyo, okanye uyinxalenye yabantu abasebenzisa inethiwekhi ye-intanethi.





Umxholo 1: Uhambo Oluya Kwinethiwekhi Ye-Intanethi

1.1 Uphawu Lwedijithali

Ngaba ubusazi? Ngalo lonke ixesha usiya kwi-intanethi ngedivayisi njengekhompyutha okanye ifowuni yakkho, ushiya idatha- yomkhondo okanye yoko obukwenza.

**Lo mzila ngawe nobunguwe,
ubizwa uphawu**

**LWAKHO
LWEDIJITHALI**



- Amaphawu edijithali aluncedo kakhulu, asisizathu sokunxibelelana nabahlobo kwi-Intanethi kwanokufumana abahlobo abatsha.
- Unokufumana inkcazeloo eninzi kwi-Intanethi ngokucofa iqhoshaa!
- Umzila owushiya njalo uyabonakala kwinethiwekhi ye-intanethi, oku kuthi uba lixhoba lezaphuli-mthetho ze-intanethi.

Kubalulekile ukulumkela uphawu Iwakho Iwedijithali, kuba ungalugcini lucocekile, abantu abangakwaziyo baza kukwazi ngaphandle kokudibana nawe. Qiniseka ukuba izinto ozifakayo nenkazeloo yakho azinakusetyenzisa nxamnye nawe.

Ngokulula, yinto yonke ekwi-Intanethi engawe equka:

- Iiprofayili zamajelo okuncokola
- Imifanekiso yakho
- Nayiphi na inkcazeloo okanye izinto ozifaka kwiiblogu neewebhusayithi.

1.2 Izisongelo Neengozi Ze-Intanethi

Abantu abininzi abakwinethiwekhi ye-intanethi abazi ngeengozi nejisongelo, lo nto ibenza babe ngamaxhoba ezaphuli-mthetho.

Ingozi kuxa umntu othile okanye into ichanabeke kwingozi – xa ukwi-Intanethi, uba sengozini ngokuba lixhoba lolwaphulo-mthetho. Noko ke, asikwazi ukukunqanda ubomi okanye soyike ngalo lonke ixesha, kuba nje sisengozini. Ngokwazi iingozi size sizikhusele, sinako ukulungisa ukhuseleko lwethu kwinethiwekhi ye-intanethi.

- Ngokomzekelo: “izinto ezingahlawulwayo” okanye “ukudawunlowuda okungahlawulwayo”, zingumgibe wokufumana Ithuba lokufaka ivayirasi okanye izinto eziyingozi kwidivayisi yakho.

Ijisongelo kuxa kukho ithuba lokwenzakala ngazo zonke iindlela. Ngokuhelekileyo intshukumisa kukwenzakalisa yaye kungekhona ngempazamo. Kwakhona, uselulawulweni. Unokuzibeka kwindawo esisisongelo ngokungalandeli izilumkiso kune nemithetho yokuhuseleko, okanye uqiniseke ngokuba krelekrele kwi-intanethi!

- Umzekelo omhle wokuba sengozini wokuhlaselwa kuxa iisetigi eziyimfihi zakkho “zikuwonke wonke” ukuze zibonwe ngabantu bonke. Lithuba elihle lezaphuli-mthetho lokuba inkcazeloo yakho yobuqu okanye zikwenze ube lixhoba lokuhlaselwa ngabantu abafuna isondo.




1.3 Imfihlo Kwi-Intanethi

Ngaba usoloko uxelela abantu ongabaziyo ngamaphupha akho yaye neemfihlo uze ubanike inkcazeloo yakho yobuqu njengedilesi nenombolo yeSazisi? Akunjalo! Ungayenza njani kwi-intanethi? Kwinethiwekhi ye-intanethi, ukwabelana AYIKUKO ukukhathala!

Ukuba ubeka inkcazeloo yakho yobuqu kwinethiwekhi ye-intanethi, inene, uba lixhoba lezaphuli-mthetho ze-intanethi!

**Zikhusele
“ngokhuseleko
olubalulekileyo”
Iwakho
(njengephasiwodi
entle) eza
kuba nzima
ukuyiqhekeza
neza kulawulwa
nguwe kuphela
yokhuseleko
Iwakho.**





Umxholo 2: Ukuhhusela Abantu



Ukusebenzisa inethiwekhi ye-intanethi yokuncokola kunokukubeka engozini nakwizisongelo kwizaphuli-mthetho, abantu abonzakalisayo kwi-intaneethi okanye abantu abahluphayo kwi-intanethi.

Kumxholo 2 SINOPROFESA GUARDIAN onomdla okuqinisa kwizaphuli-mthetho nakubantu abahluphayo abahlasela abantu abamsulwa.

Intshayelelo

Wamkelekile kumxholo wesibini wokhuseleko Iwe-intanethi: Ukuhhusela Abantu. Ukuncokola Kubalulekile. Lo mxholo ushwankathela ukuhlutshwa kwi-intanethi. Kubalulekile ukugcina usapho lwakho lukhuselekile xa lu kwinethiwekhi ye-intanethi, nendlela ofanele uziphathe ngayo xa ukwi-intanethi ngokulandela imiyalelo yokuncokola, imbeko nokuziphatha.

2.	Ukuhhusela Abantu – Imixholo:	Umxholo	2.1	Ukuhlutshwa Kwi-Intanethi
		Umxholo	2.2	Ukuhuseleka Kwentsapho
		Umxholo	2.3	Ukuncokola, Imbeko Nokuziphatha

Ubalo-manani/Inyani Enikis' Umdla

Ngoko ke, kubalulekile ukwazi inyani engokuhlutshwa kwi-intanethi

NGABA UBUSAZI?

- Kukho umthetho eMzantsi Afrika onxamnye nokuhlutshwa, ubizwa "Umthetho Okhusela Ukuhlutshwa".
- Bangaphezu kwama-60% abafundi abahloliwego eMzantsi Afrika abavumileyo ukuba ukuhlutshwa kwi-intanethi kubi kakhulu ukodlula ukuhlutshwa ubuso ngobuso.
- Ama-78% abazali bakholelwu ukuba iteknoloji sisihobo esihle sokufunda.



- Bangaphezu kwe-3.2 miliyoni abantu abahlutshwa nyaka ngamnye eMzantsi Afrika.
- Ngaba ubusazi ukuba abafundi abaninzi abanobuchule nabakwaziyo ukusebenzisa i-intanethi abakaqiniseki ngokuziphatha nokuhuseleka kwi-intanethi?
- Ukuhlutshwa Kwi-Intanethi ngoyena nobangela mkhulu wokuhathazeka kakhulu nokuzibulala kubafundi.

Iingcebiso Zokuhuseleka Kwi-Intanethi Ziza Kuqukwa Kwesi Sifundo

Kuxele ukuhlutshwa nge-intanethi

Ukuba ulixhoba lokuhlutshwa, gcina ubungqina boko. Khumbula ukuba unamalungelo ngokoMthetho ka-2011 Wokuhukunyezwa waseMzantsi Afrika. Xeleta umntu omdala, musa ukungakuhoyi oko, kuxele!

Zilumkele izisongelo kokubini ngokobuqu nezisongelo ze-intanethi. Ngokwazi ngazo zonke iingozi nezisongelo, unokuzigcina wena nosapho lwakho nikhuselekile.

Zihlonlele uze ube nembeko kwabanye abantu.

Ngokusebenzisa i-intanethi oko akuthethi kuthi unelungelo lokuziphatha kakubi.





Umxholo 2: Ukukhusela Abantu

Ukuchanabeka Kwabantu kune Noonobangela Bezisongelo

Ukuba sesichengeni kuthetha ukuba usengozini yokuba kubiwe izinto zakho. Xa unezinto ezibonisa ukuba ukwi-intanethi, ubonwa ngabantu abangamasela kwi-intanethi yaye unokuba sesichengeni okanye ube lixhoba lala masela.

Kwintshayelelo yesi sikhokelo, siye sacacisa ukuba kutheni kubalulekile ukuba ukhuseleke xa ukwi-intanethi, saphinda sacacisa nezinye izinto ezinokuba yingozi kuwe.

- Amaziko ezisongelo ngabantu abasebenzisa i-intanethi ukuze bokonzakalise okanye bakubele izinto zakho.
- Xa unento ekukhuseleyo kwi-intanethi uza kukhuseleka kubantu abangamasela, abantu abahluphayo, izaphuli-mthetho nakwezinye izinto abazisebenzisayo. Xa uyisebenzisa kakuhle i-intanethi kunceda wonke umntu ekhaya, esikolweni, emsebenzini nasehlabathini lonke.



- Umntu okuhluphayo ngumntu okanye ngabantu abakhangela umntu abanokumkhathaza okanye bamonzakalise. Bayenza ngabom le nto ibe basebenzisa iindlela nezinto ezinanzi ukufumana amaxhoba abo.
- Xa uhlutshwa kwi-intanethi, kuthiwa ulixhoba lokuhlutshwa kwi-intanethi.

Ungoyiki ukuthetha xa uhlutshwa!

Xa ungathethi nabazali bakho okanye abantu abakugcinayo ngento ekusenokuba iyakukhathaza, uba wedwa, woyike yaye kubelula ukuba ubelixhoba kwi-intanethi. Nazi izizathu ezimbalwa zokuba kubalulekile ukuba uthethe ngokukhululekileyo:



1

Ukuba awukuxeli ukuhlutshwa kwi-intanethi, wenza ukuba abe maninzi amathuba okuba kuphinde kwenzeke.

2

Ukuxelela umntu okugcinayo okanye umzali wakho ngokuhlutshwa, kuvula ithuba lokuba kwensiwe uphando okanye kohlwaywe abantu abakuhluphayo.

3

Umntu okugcinayo okanye umzali unokuthetha nabantu abasemagunyeni okanye akuxele ukuhlutshwa kwakho kwi-intanethi ngezinye iindlela.

4

Umntu okugcinayo okanye umzali unokuthetha nabantu abasemagunyeni okanye akuxele ukuhlutshwa kwakho kwi-intanethi ngezinye iindlela.

Abantu abaxhaphaza abantwana ngokwesini basenokungafumaneki lula kwi-intanethi. Usenokucinga ukuba yintombi okanye yinkwenkwe elingana nawe enomdla wokukwazi ngakumbi, ngenxa yokuba bakwiwebhusayithi zokuncokola okuzo yaye babonakala benomdla kwizinto onomdla kuzo.

Lumka kwaye uphaphe:

- Ngokungathethi nabantu ongabaziyo yaye ungavumi ukudibana nabo.
- Ngokuba uphaphe ungalandeli wonke umntu ku-Instagram, kwaye ukuba ngusaziwayo ku- Instagram kunokubeka kweyona ngozi!
- Ngokuthi ubasuse abantu abathetha nje into encinci ongayithandiyo kwi-intanethi.
- Ngokuthi uxelele umntu omdala xa ukhathazwa ngumntu okuthumela imiyalezo okanye izicelo ezingaqhelekanga.



Umxholo 2: Ukuhhusela Abantu

2.1 Ukuhlutshwa Kwi-Intanethi

Ngumntu onjani ohluphayo kwi-intanethi? Ngamanye amaxesha usenokungayazi ukuba into oyenzayo ijogwa njengokuhlutshwa! Ukuhlutshwa isenokuba:

- Kukujonga omnye umntu njengongabalulekanga nosesichengeni kunawe.
- Kukuqhubeke ugezela abanye ngezinto ezinokubenza babenentloni okanye bahlazeke.
- Kukuqhula kakubi okanye ukusasaza ubuxoki ngomnye umntu.
- Kukuphazamisa abahlobo okanye abantwana ofunda nabo okanye ukungabahoyi kwaphela.
- Kukuthumela imiyalezo eyingozi, ukugqithisa inkcazelو engeyonyani okanye iindaba ngomnye umntu okanye intsapho yakhe.
- Kukuhlekisa ngomzimba womntu okanye inkangeleko yakhe.
- Kukwenza into komnye umntwana ukuze adume kakubi.
- Kukunyanzela omnye umntana enze into engekho semthethweni okanye eyingozi.



2.2 Ukuhuseleka Kwentsapho

Uphawu Iwakho Iwedijithali aluzokwenza wena kuphela, kodwa kwanentsapho yakho amaxhoba ezaphuli-mtheetho ukuba awuzilumkelanga ezi zisongelo:

- **Izaphuli-mthetho okanye Amasela:** Aba bantu basebenzisa izinto ezingekho mthethweni kwi-intanethi.
- **Abaxhaphazi kwi-intanethi:** Ngabantu abaxhaphaza abantwana besikolo abancinci ngesondo kwi-intanethi.
- **Abantu Ababa Inkcazelو Yabantu:** Ngumntu okanye abantu abanobuchule ekusebeniseni iinkqubo zekhompyutha ukuze bangene kuzo naziphi na iinkqubo zabucala zekhumpyutha.



Ungabi ngumntu ongaziyo: Umntu ongaziyo, ngumntu owenza into engazi ukuba iza kunceda izaphuli-mthetho ukuze zibe inkcazelو kwi-intanethi. Xa umhlobo wakho osenyangweni ekuthumelela ilinki yewusayithi acinga ukuba inezinto zasimahla kodwa inento eyingozi!

2.3 Ukuncokola, Imbeko Nokuziphatha

Ukuba uyzikhuela kwizinto ozenzayo kwi-intanethi, uza kukhuseleka kuzo zonke izinto eziyingozi kwi-intanethi. Kubalulekile nokuba ube nembeke kwabanye abantwana abasebenzisa i-intanethi kwindawo ohlala kuyo. Nazi iindlela eziza kunceda uhlale uziphethe kakuhle kwi-intanethi.

Ukuba nembeke kukwazi izinto ozikholelwayo okanye ezikholelwaa ngomnye umntu, iidlela aziva ngayo, izinto azidingayo uez ubonise ukuba uyzamkela, uyzixabisa iimpawu ezintle zomnye umntu.

Idlela oziphethe ngayo ibonwa kwimilinganiselo onayo nakwindlela oziphethe ngayo ukuze ube ngumntu ongcono.



Cinga

Ngaphambi kokuposta okanye wabelane:

**Yinyani
Iluncedo
Iyakhuthaza
Ziindaba
Inobubele**



Umxholo 3: Ukukhusela iidivayisi



Iidivayisi zakho nazo zifuna ukugcinwa ngokhuseleko. Zikhusele nxamnye nezisongelo nokuchanabeka.

Kumxholo 3 sinayo I-TECHNO: eyenza kube lula ukwazi nayiphi na idivayisi ye-elektroniki

Intshayelelo

Wamkelekile Kumxholo 3 Wokukhuseleka Kwi-Intanethi: Khusela iidivayisi Zakho. Siphila kwixesha apho iteknoloji ihamba phambili! Ngaphandle kweefowuni, iilaptops, iikhompyutha ezibekwa edesiken neethabhlethi, sineeprinta ulwazi. Siza kubona igalelo leteknoloji kubomi bethu nokuba kutheni kubalulekile ukukhusela iidivayisi zethu ze-elektroniki.ze-3D, imidlalo, iidivayisi zokukhangela nezinye izinto zeteknoloji. Kulula ibe kuyakhawuleza ukufumana.

3.	Ukukhusela iidivayisi - Umxholo:	Umxholo	3.1	Izisongelo KwiTeknoloji
		Umxholo	3.2	IiDivayisi Zefowuni
		Umxholo	3.3	Ukhuseleko Kwizinto Ezimoshayo

Ubalo-manani/Inyani Enikis' Umdla

Ngoko ke, kubalulekile ukwazi inyani ngeedivayisi:

NGABA UBUSAZI?

- Ngaba ubusazi ukuba kukho into eyingozi kwimizuwana eyi- 39 kwi-intanethi?
- Ngabantu abazibhilliyon eziyi- 5.16 abasebenzisa iifowuni ezahlukeneyo ehlabathini lonke.
- Kungaphezu kwama-25% ukuhlasela nge-intanethi okubandakanya izinto ezimoshayo okanye i-software etshabalalisayo.
- Ifowuni ziyyinxalenyeyobomi bethu kangangokuba kunoloyiko olubizwa ngokuthi 'Nomophobia' luloyiko lokungabi nayo ifowuni (okanye amaze omoya efowuni).
- Ifowuni yokuqala yensiwa ngo-1974 nguMartin Cooper yaye yayinobunzima obuyi-1kg.



- UMzantsi Afrika wafumana ifowuni yokuqala ngo- 1994.
- Igama elithi, 'iselula yefowuni' lichaza indlela esisebenza ngayo le divayisi. lithawa zinceda indawo ngamaza omoya yaye ziwahlule abe ziseeli.
- Umntu uyivula kayi- 110 ifowuni yakhe ngosuku.
- Kukho iifowuni ezininzi eMzantsi Afrika kuneeteksi, iiTV nonomathotholo!
- Ikhompyutha yokuqala ye-elektroniki i-ENIAC yayinobunzima obungama-27 eeton yaye yayibekwe kwizikwere ezili-1800.
- Imalunga neepesente ezili-10 imali yehlabathi ephathwayo, uninzi ikwiikhompyutha.

Iingcebiso Zokukhuseleka Kwi-Intanethi Ziza Kuqukwia Kwesi Sifundo

Fundisanani.

Ncedanani ngokudlulisa inkcazelo kwii-app ezintsha, iiwebhusayithi, iteknoloji nezisongelo – yabelana uze uncokole rhoqo.

Gcina iidivayisi zefowuni zikhuselekile yaye zinqabisekile.

Qiniseka ukuba iidivayisi zakho zikhuselw nekhowudi okanye iphasiwodi. Kwakhona qiniseka ukuba inkcazelo yakho yobuqu inokucinywa noba uphi.

Zikhusele kwizinto ezimoshayo.

Hlaziya zonke ii-app uze ufake into ekhusela kwizinto ezimoshayo kuzo zonke iidivayisi zakho.






Umxholo 3: Ukuhusela iividayisi

Ukuqinisa liDivayisi / Ukuba Sesichengeni KweeDivayisi

Kwihiabathi lanamhlanje, sixhomekeke kwizixhobo zethu ukuze sincokole, sifunde, sidibane nabantu, sithenge yaye sigcine inkcazelo yethu. Konke oku kukhulu yaye kangangokuba siphumeza izinto ezininzi ngokukhawuleza ebomini bethu bemihla ngemihla. KODWA... inako ukusibeka engozini ngokusenza amaxhoba ezaphuli-mthetho – yaye kukho izinto ezininzi ezingekho ntle kwiteknoloji, yaye ezininzi ngokukhetekileyo zikwizixhobo ze- eloktroniki.

Nazi izinto ezimbalwa ezintle nezimbi:



Qiniseka ukuba iividayisi zakho zikhuselekile.



Khumbula ukuba imifanekiso igcina indawo yakho. Ukuba uposta imifanekiso, abantu banokubona aphi loo mfanekiso ubufotwa khona.



Umxholo 3: Ukukhusela iidivayisi

3.1 Izisongelo ZeTeknoloji

Ii-app ezintsha nee-software zibonakala ngalo lonke ixesha, ekufumaneni ifowuni yakho ukuze wenze ividiyo, uode ukutya okanye ezothutho yaye nazo zonke ii-app zamajelo okuncokola!

Ekubeni sineteknoloji eluncedo eminweni yethu, ngoku sijamelene nazo zonke iingozi nezisongelo eziza nayo. Ngalo lonke ixesha sisiya kwinethiwekhi ye-intanethi, sicanabekile kwizaphuli-mthetho ze-intanethi, zilindele ukuhlasela. Siyazi ukuba izaphuli-mthetho ze-intanethi zikrelekrele yaye zilungelelene kakuhle; ngapha koko, zisoloko zineteknoloji ebhetele ezinokuyisebenzia nxamnye nathi!

Ngoko, kufuneka sizilumkele izisongelo zeteknoloji kunye nendlela yokuzikhuela yaye nokunqabisa iidivayisi zethu.

- Zigcine usexesheni ngezamva zeteknoloji uze wabelane nabahlobo bakho. Unxibelewano lubalulekile ukuze silumkisane ngeendlela ezikhoyo izaphuli-mthetho ze-intanethi ebezizizama ukuze zikonzakalise kunye nesixhobo sakho.

- Ungabelani ngenkazelo ebalulekileyo yaye uqiniseke ukuba iisetengi azikho “Kuwonke wonke” xa usebenzisa iteknoloji.

3.2 IiDivayisi Zefowuni

Iidivayisi zefowuni ziyxalenye ebalulekileyo yenyathelo ngalinye esilithathayo ebuden bosuku. Ukuba asizophathi kakuhle iidivayisi zethu.

- Zinokubiwa okanye zilahleke. Ukuba awukwazi ukuycima inkcazelo yakho ungenayo, inkcazelo yakho inokusetyenzisela kulwaphulo-mthetho lwe-intanethi.
- Zinokusetyenziswa ekufumaneni inkcazelo ekuben “zindala”. Iselula ziya zingabizi mali, loo nto ithetha ukuba iidivayisi ezindala zakungahoywa. Qiniseka ukuba ukhuphela okanye ugcine inkcazelo yakho ngaphambi kokuyilahla idivayisi, uyithengise okanye uyidlulisele kumhlobo.
- Zinokukwenza ixhoba. Vala iisetengi zendawo ukuze ungabi lixhoba lokulandelwa uze njalo usebenzise iqhosha lokutshixa isikrini kwidivayisi yakho.



3.3 Ukhuseleko Kwizinto Ezimoshayo

Izinto ezimoshayo, ngamafutshane yi-software eyonakalisayo, isetyenzisela ukonzakalisa okanye ukucima idivayisi yakho, njengevayirasi, ekwalelayo yaye enwenayo.

Inethiwekhi ye-intanethi ayisoloko ikhuselekile. Ayizizo zonke iiwebhusayithi nee-app zokwenene. Ezinye iiwebhusayithi nee-app zezomgunyathi yaye ziylidlela yokosulela idivayisi yakho ngeevayirasi, zibe inkcazelo zize zicime idivayisi yakho. Ukufaka i-software elwa nezinto ezimbi yaye nodonga lokukhusela kwikhompyutha yakho okanye enye idivayisi, “ayonto entle”. “KUNYANZELEKILE”!

Ukuba unento yokukhusela entle, eyaziwayo, qiniseka ukuba uyigcina isexesheni. Maxa wambi siye sivuye xa sizama idivayisi entsha size silibale nokunikela ingqalelo kwimiyalezo ekucela ukuba uhlaziye i-software yokukhusela.

Thetha nabazali kunye nomnyamekeli wakho ukuze bazi ngokusebenzia kwakho i-intanethi yaye usoloko ucela imvume ngaphambi kokudawunlowuda. Kuyingenelo oko ukuze uhlale ukhuselekile ngoxa ukonwabela ukuba kwinethiwekhi ye-intanethi!

Umxholo 4: I-Smart Apps



Enoba usebenzisa i-app ukudibana nabantu okanye udlala ividiyo, kubalulekile ukuziqonda nendlela yokuzisebenzisa ngokhuseleko.

Kumxholo 4 sinayo I-APP ephembelela ngamandla imidlalo namajelo okuncokola ukuze imanyanise abantu baxhase ikhondo elililo.

4. I-Smart Apps - Imixholo:

Umxholo	4.1	Amajelo Okuncokola
Umxholo	4.2	Ukhuseleko Kwibrawuza Ye-Intanethi
Umxholo	4.3	Imidlalo

Intshayelelo

Siyakwamkela kumxholo wesine: I-Smart Apps. I-App kukwathiwa yiaplikheyishini. I-App luhlobo lwe-software olunokudawunlowudwa kwidivayisi, yaye ezinye zingamosha.

Kukho izigidi zee-apps onokukhetha kuzo, yaye sisebenzisa ii-app kwizinto ezaahlukeneyo ebomi bethu. Into eyenza iteknoloji nee-app zithandeke, kukuba zikwixesha elikhoyo – inkazelo ekhawulezayo, imidlalo, iitshaneli zeemuvi nokunye okungakumbi ngokucofa iqhosha! li-app ziyytshintshile indlela esifunda ngayo, esidibana nabatu nesincokola ngayo. Yiloo nto ekufuneka ulumkele zonke iindlela onokuqhathwa zizo (zikumfame) ngoxa ukwi-intanethi.

Ubalo-manani/Inyani Enikis' Umdla

Okokuqala, nantsi inyani enikis' umdla ngee-app:

NGABA UBUSAZI?

- Ngaba ubusazi ukuba eMzantsi Afrika kukho abantu abasebenzisa i-intanethi abangama-36,54 miliyon?
- Idivayisi exhaphakileyo nesetyenziswa ngabafundi kwi-intanethi eMzantsi Afrika yifowuni ebanja ngesandla.
- Ngokuhhelekileyo, abantu boMzantsi Afrika bachitha iiyure ezi-2 kunye nemizuzu engama -48 ngosuku kumajelo okuncokola.



- Ngaba ubusazi ukuba ngokugcina ibrawuza yakho ye-software isexesheni uqhelisela ukungena kwi-intanethi ngokukhuselekileyo?
- Ngaba busazi ukuba ngo-2018 uphando lubonise ukuba bekukho abadlali abangaphezu kwe-11 miliyoni eMzantsi Afrika?
- Imarike yemidlalo yehlabathi iqikelelwa kuma +-R2600 eebhiliyoni.

Ingcebiso Zokukhuseleka Kwi-Intanethi Ziza Kuqukwa Kwesi Sifundo

Qonda amajelo okuncokola.

Kukho amajelo okuncokola amaninzi azo zonke izinto – amahle namabi! Khetha ngobulumko.

Khuseleka xa ubrawuza i-intanethi. Sebenzisa iiwebhusayithi ezikhuselekileyo nezokwenene ekuthethwa kakuhle ngazo. Qiniseka ukuba kukho iqhaga ngasentla kwibrawuza yakho.

Zilumkele zonke ii-app kunye nemidlalo

Sebenzisa igama lokuloga elinzima yaye ungabelani ngenkazelo yobuqu okanye iadresi nabantu odibana nabo kwi-intanethi.





Umxholo 4: I-Smart Apps

Ukuba Sesichengeni Kwee-App

Abafundi abaninzi bayakwazi ukusebenzisa inethiwekhi ye-intanethi yaye banobuchule ekusebenziseni iteknoloji. Abantu emhlabenzi wonke bayazuza ngeteknoloji entsha kanye nenethiwekhi ye-intanethi. Abazali abaninzi bayavuma ukuba iteknoloji iluncedo kubomi bolutsha yaye inokusetyenziselwa ukufunda, ukudibana nabantu kanye nokufumana inkcazelos ephathelele ihlabathi esiphila kulo.

Masijonge ezinye zeengenelo nobungozi bee-app:




Okuhle

- I-intanethi ikuvumela ufumane inkcazelos, uzuze ulwazikunye nobuchule ngokucofa iqhosha.
- Kukho iinzuso ezinxibelelene nokudlala imidlalo yevidiyo, njengokuphucula ukulungelelanisa, ubuchule bokusombulula ingxaki nokukhumbula.
- Kukho iinzuso ezinxibelelene nokudlala imidlalo yevidiyo, njengokuphucula ukulungelelanisa, ubuchule bokusombulula ingxaki nokukhumbula.

Uyadawunlowuda? Sisigqibo somzali wakho ukunikela imvume!

Kodwa



Okubi

- Zilumkele izicelo zabahlobo ongabaziyo. liprofayili zomgunyathi zenziwa zizaphuli-mthetho ze-intanethi ukuze zifumane inkcazelos eyimfhlo.
- Ukuchanabeka kwi-intanethi kuquka ukungahlaziyi ibrawuza ne-software okanye utelele ngengozi iiwebhusayithi ezingafanelekanga.
- Ukuba sesichengeni kwemidlalo kuquka nokuhlutshwa kwi-intanethi, abantu abaxaphazayo kwi-intanethi neendleko ezifihliwego.



Siphephe isilingo sokwabelana.

Khuseleka uze uqaqambe kwi-intanethi.

Ukuncokola kubalulekile!

Gcina izinto ezinqanda ukumosha nodonga lwakho lokukhusela lusexesheni.

Ukhumbule ukuba yi-techno ngokhuseleko lwakho!

YIVALE



YITHINTELE



YIXELE



Umxholo 4: I-Smart Apps

4.1 Amajelo Okuncokola

Amajelo okuncokola yinxalenyen enkulu yendlela esincokola ngayo nabahlobo kanye neentsapho zethu. Abafundi abaninzi bathi baziva belahliwe xa bengenako ukusebenzisa amajelo okuncokola, apha bencokola baze bafumane iindaba eezisematheni zakutshanje kumaqela abo amajelo okuncokola. Kubantu abaninzi, baye babe ngamakhoboka!

Amaqonga amajelo okuncokola ayakuba ziindawo zezaphuli-mthetho ze-intanethi ngenxa yoxinano kanye nexesha elichithwayo kuwo, ngokomzekelo:



- Ubukhulu becala ukuhlutshwa kwi-intanethi kwenzeka kumajelo okuncokola. Khumbula ukuba nayiphi na inkczelo, izinto ozipowustayo okanye imifanekiso yakho okanye yabahlobo bakho, inokusetyenziswa nxamnye nawe ukuze kusasazwe amarhe obuxoki okanye uthunyelwe izisongelo kanye nemiyalezo eyenzakalisayo.
- Qiniseka ukuba uyamazi umntu oba ngumhlobo wakhe. Izaphuli-mthetho ziya kusebenzisa iiprofayili zomgonyathi ukuze zifumane inkczelo yakho okanye zikulobele kwiimeko eziyingozi ze-iintanethi, njengokuthumela isondo ngebowuni nokuthenga iimveliso zomgonyathi.

Khumbula: lisetingi zakho zejelo lokuncokola ngalo lonke ixesa kufuneka zibe yimfihi kungekhona kwisetingi kawonke wonke.

4.2 Ukhuseleko Kwibrawuza Ye-Intanethi

I-World Wide Web (WWW) yinethiwekhi ye i-intanethi efomathiweyo yaza yaxhunywa namaphepha, anokufumaneka kwi-intanethi. Unokufumana nantoni na ofuna ukuyazi, okanye oyidingayo, ngokukhangela i-Intanethi. Ngokuba nenkululeko yokubrawuza i-intanethi, kuza uxanduva.

Masijonge amanye amagama asetyenziswayo kwiwebhusayithi, noko akuthethayo ukuze siqiniseke ukuba siyazikhuela ngoxa sikiwebhusayithi.

- Ukubrawuza i-intanethi** – Ukubrawuza i-intanethi yinkqubo ye-software evumela umsebenzisi ukuba afumane, angene aze abonise amaphepha ewebhusayithi. Ukubrawuza okanye ukukhangela kwiwebhusayithi kuthetha ukuba ujonga iphepha elithile olifunayo kwiwebhusayithi.
- Ukukhangela ngokhuseleko** – uyaqiniseka ukuba awukho sengozini yokungena kwiwebhusayithi eyingozi ngokukhangela ngendlela ekhuselekileyo. Oku kuthetha ukuba kufuneka uqiniseke ukuhlaziya ibrawuza yewebhusayithi eza kukuncheda ukhangele ngokhuseleko.
- Ukubekwa komda wobudala** – kuthetha ukuba usenokuba mncinane ukungena kwiwebhusayithi ethile, kuba okuphakathi akukulungelanga ngenxa yeminyaka yakho.
- Imiphumo -Emibini Yileya yesibini yokhuseleko ngaphezu kokunikela ngephasiwodi, edluliselwa ngumsebenzisi ngaphambi Kokungena kwiakhawunti okanye kwi-app.**
- Iwebhusayithi engakhuselekanga** – Iwebhusayithi engakhange ijongwe ukuze kubonwe ukuba yeokwenene, enokuba sisongelo kukhuseleko Iwakho Iwe-intanethi.

4.3 Ii-App Zemidlalo

Ii-app zemidlalo zilishishini elikhulu yaye imidlalo ye-intanethi ngokukhawuleza iba yehlawulelwayo! Ikwaluncedo ekupuhhliseni ingqalelo nobuchule bokusinga, nokwenza abahlobo nabanye abadlali.

- Iiwebhusayithi zemidlalo zikwangamaxhoba ezaphuli-mthetho ze-intanethi kanye nabantu obonzakalisayo kwi-iintanethi. Khumbula ukuhlola lowo odlala naye uze ulumke unganikeli ngenkczelo eninzi echaza wena.
- Sebenzisa igama elinzima lokuloga elingakuchaziyo. Ukwabelana ngobuthathaka nezinto okwazi ukuzenza, ezo zinto zinokusetyenziswa kuwe uze uhlutshwe kwi-intanethi okanye kukwenze ixhoba labantu abafuna ukukwenzakalisa kwi-intanethi.

Uza kukuvuyela ukudlala imidlalo kwi-intanethi ngakumbi ukuba Ulumkele iingozi nokukhuseleka kakuhle. Nguwe kuphela onokulawula ukhuseleko Iwakho kwi-intanethi!





Umxholo 5: Inkcazeloo Eluncedo



Kubalulekile ukuqonda indlela yokuzikhuela kwinkcazeloo engafunekyo okanye izikemu, kwanokukhusela inkcazeloo yakho kwizaaphuli-mthetho ze-intanethi.

Kumxholo 5 sinayo IKHRIPTO ekwazi ukusikena inkcazeloo ize incede ekuyitshixeni gaphambi kokuba abantu ababi bafikelele kuyo.

5.	Inkcazeloo Eluncedo - Imixholo:	Umxholo	5.1	Izinto Ezixhaphazayo Nezingafanelekanga
		Umxholo	5.2	Izikemu Ze-Intanethi
		Umxholo	5.3	Ukulawula IPhasiwodi

Intshayelelo

Wamkelekile kuMxholo 5 Wokukhusaleka Kwi-Intanethi: Inkcazeloo Eluncedo. Kukho amaqonga amaninzi onokuwakhetha enethiwekhi ye-intanethi okusetyenziswa, ayahlaziwa okanye atshintshwe abe ngcono ngalo lonke ixesha. Oko bekwenziwe, kwagcinwa kwaza kwabiwa izolo, kunokujogwa njengokuphelelweyo ngokukhawuleza. Kubalulekile ukuqonda indlela yokuzikhuela kwinkcazeloo engadingekiyo, kwanokukhusela inkcazeloo yakho kwizinto ezingadingekiyo. Siza kujonga ixabiso layo yonke inkcazeloo kwizaphuli-mthetho ze-intanethi, kune nokuzikhuela kwinethiwekhi ye-intanethi ngephasiwodi efanelekileyo nokukhangela ngokhuseleko kwidivayisi yakho.

Ubalo-manani/Inyani Enikis' Umdla

Ngoko ke, kubalulekile ukwazi inyani ngenkcazeloo:

NGABA UBUSAZI?

- Ngaba ubusazi ukuba ulwaphulo-mthetho lwe-intanethi lutyabula iibhiliyonu zendleko?
- Ngaba ubusazi ukuba i-71% yeeakhawunti isebezisa iphasiwodi efanayo kwiwebhusayithi ezahlukaneyo?
- I-51% ye-12-ubudala kune ne-28% ye-10-ubudala inepayili yejelo lokuncokola, inokuchanabeka kwizinto ezixhaphazayo nezingafanelekanga ngenxa yokwalelwaa kweminyaka.



- Abafundi abaninzi abacingi ukuba isetingi yamajelo okuncokola ethi "umhlobo womhlobo" inokuba yingozi.
- Iphasiwodi ezisetyenziswa ngokuqhelelileyo ikwazezi, 12345678 kune 12345678.
- I-Snapchat ibekwa kwindawo yesibini i-app embi kwimpilo yomfundi yengqondo.
- Ukusetyenziswa ebusuku kwamajelo okuncokola nemiphumo yeemvakalelo kunxibelelene nokungalali kakuhle anokukhathazeka kakhulu kune nexhala.

Lingcebiso Zokukhusaleka Kwi-Intanethi Ziza Kuqukwa Kwesi Sifundo


Yenza ukukhangela kwibrawuza yakho kukhusaleke. Zikhusele kwiwebhusayithi ezimbi. Jonga kuphela into yeminyaka yakho uze uixelee iiwebhusayithi ezaphula imithetho.

Zigcine usexesheni ngezamva zezikemu.

Izaphuli-mthetho ze-intanethi zisoloko zixakekile zikhangela iindlela zokukusikema ezintsha nezikrelekrele.

Lawula iphasiwodi yakho kakuhle.

Ungaze uyibhale phantsi iphasiwodi yakho okanye usebenzise efanayo kuzo zonke iiwebhusayithi ozityeleyalo okanye ozisebenzisayo.






Umxholo 5: Inkcazelo Eluncedo

Ukuqinisa Inkcazelo/ Ukuba Sesichengeni Kwenkcazelo

Kubalulekile ukuqonda indlela yokuzikhuela kwinkcazelo engadingekiyo okanye izikemu, kwanokuzikhuela kwizaphuli-mthetho zekhompyutha. liwebhusayithi zamajelo okuncokola ziyindlela entle yabantu abasikemayo nabonzakalisayo kuba befuna isondo ukukucela ubuhlobo ukuze ubandakanyeke kwizinto ongafanelanga ukuzenza ngokweminyaka yakho, okanye ezimbi kakhulu, ube likhoboka lezikemu.

Nazi ezinye izizathu zokuba kufuneka ugcine inkcazelo yakho ikhuselekile yaye ubrawuze ngokhuseleko wi divayisi yakho:





Umxholo 5: Inkcazeloo Eluncedo

5.1 Izinto Ezixhaphazayo Nezingafanelekanga

Maxa wambi kunzima ukuggiba enoba into ekwiqonga elithile yenzelwe wena kanye nenqanaba leemvakalelo yaye nenqanaba leminyaka. Baxelete njalo abazali okanye umnyamekeli wakho ngamaqonga okuncokola owasebenzisayo yaye neewebhusayithi ozityelelayo zenkcazeloo kanye nee-app ezintsha. Banokukunceda uhlale ukhuselekile yaye uxele amaqonga axhaphazayo kwinethiwekhi ye-intanethi.

Unokutshintsha indlela owenza ngayo kwinethiwekhi ye-intanethi uze ubeke imithetho yokhuseleko ngokukhumbula oku engondweni:

- **Zilumkele iiprofayili zomgunnyathi!** Awunakuzithemba zonke izicelo zobuhlobo ezintsha okanye ii-imeyili kubantu ongabaziyo.
 - Abantu abakuhtasela ngenxa yokufuna isondo bathemba ukuba soze uyibone ingozi yaye awuyi kumxeleta umntu omdala ngaloo nto ingafanelekanga.
 - **Ungabi neentloni ukuba ulixhoba.** Xela ulwaphulo-mthetho lwe-intanethi ukuze izaphuli-mthetho zibanjwe. Ngale ndlela, uya kube unoxanduva njengommi we-intanethi ukuze uncede ekunqandenii izinto ezimbi, ezonzakalisayo kanye nezikem.
 - Yabelana ngenkcazeloo ngeewebhusayithi kanye namaqonga anokuba zisisongelo kukhuseleko kubahlobo bakho.
- Ukwazisa iqela kunamandla!**

5.2 Izikemu Ze-Intanethi

Khumbula: I i-software ezilwa neziyingozi nokuba nodonga oluhle lokukhusela kwikhompyutha yakho yaye nakwezinye iidivayisi, akukho “kuhle ukuba nayo”, “KUNYANZELEKILE”! Okwangoku, mhlawumbi uyaqonda indlela kunokungakhuseleki kwinethiwekhi ye-intanethi. Abantu abasikemayo bahlasela abasebenzisi be-intanethi ababuthathaka, abamsulwa kanye nabangahoyanga nto, nokuba kukho abantu abasikemayo abaninzi kanye neewebhusayithi eziyingozi kwinethiwekhi ye-intanethi, kufuneka sikukhumbuze ngendlela imali kanye namandla okuthethwa ngawo. Ukukukhumbuza nje:

Izaphuli-mthetho ze-intanethi zifuna inkcazeloo yakho yobuqu (nokuba uzihoye okanye “ubuhlobo), ukuze:

- Zikulobele “kwii-app ezingahlawulwayo” yaye nezinye “izinto ezingahlawulwayo”, ukuze ufumanise ukuba zifuna imali okanye inkcazeloo kuwe. Intetho ethi: “Ayikho into engahlawulelwayo ebomini” kabalulekile ukuyikhumbuza kwinethiwekhi ye-intanethi.
- Zithengise inkcazeloo yakho kubathengisi yaye zizalise i-inbox yakho ngezipem ezininzi.
- Zisebenzise inkcazeloo yakho, kuquka imifanekiso kanye nepowusti kumajelo okuncokola, ukuze zikuthi ngca wena kanye nabahlobo bakho.
- Zikuhluphe ukuze ube buhlungu okanye okubi zikoyikise ukuze wenze izinto kwi-intanethi ezingafanelekanga.
- Zisebenzise inkcazeloo yakho ukuze zikwenzakalise yaye zicime iidivayisi zakho.

5.3 Ukulawula IPhasiwodi

Ukuzikhusela kwakho okuyintloko nxamnye nolwaphulo-mthetho lwe-intanethi, yiphasiwodi yakho Iphasiwodi yakho yeyakho yaye kabalulekile ukuqinisekisa ukuba yomolele kwaye inzima ukuyiqhekeza. Lawula ukhuseleko lwakho ngokulandela iingcebiso kanye nemithetho yeephasiwodi. Ngokomzekelo, ungayisebenzisi iphasiwodi efanayo kuzo zonke iidivayisi zakho yaye nakuwo onke amaqonda owasebenzisayo.



Xa umntu ezama ukuqhekeza iphasiwodi yakho, into yokuqala abadla ngokuyenza kukubona enoba usebenzise igama lakho okanye Isazisi somdlalo, umhla wakho wokuzalwa, okanye igama elithi “phasiwodi”, ilandelwa luthotho lwamanani.



ABANTU ABAQEQESHELIWE UKUNCE DANGE - INTANETHI

Sikukhokela Kwinethiwekhi Ye-Intanethi



ISIFUNGO SOKWAZISA NGOKUKHUSELEKA KWI - INTANETHI

Ndiyaqonda ukuba...

Ndinelungelo lokusebenzisa iidivayisi ze-elektroniki ukuze ndiziphuhlise.

Ndifuna ukuphucula ulwazi Iwam Iwelizwe endihlala kulo kune nolwedijithali.

Ndinelungelo lokuzikhuela kwiingozi nakwizisongelo kwinethiwekhi ye-intanethi.

Ndinophawu Iwedijithali ekufuneka lukhuselwe.

Noko ke, Ndiyaqonda Ukuba...

Kuyingozi ukwabelana nabantu endingabaziyo ngenkcazelo yam yobuqu.

Ndinoxanduva lokuxela naziphi na izinto ezixhaphazayo kune nezingafanelekanga kumntu omdala.

Ndiza kusebenzisa kuphela iiphasiwodi ezinzima, andizokuzibhala phantsi okanye ndisebenzise iiphasiwodi ezifanayo kwiiwebhusayithi ezininzi.

Ngoko ke, Ndiza...

Kuba noxanduva njengommi we-intanethi yaye ndiza kusoloko ndicinga ngaphambi kokuposta izinto.

Landela ukhokelo nemithetho yokukhuseleka kwi-intanethi yabazali bam nabantu abandinyamekelayo.

Bonisa imbeko kwabanye kwi-intanethi.

Zikhusele kune nabo bonke abantu endibakhathaleleyo ngokukhuseleka kwi-intanethi.



**British
High Commission
Pretoria**

UNISA

college of
science, engineering
and technology

Ngenkcazelo engakumbi tyelela:
<https://www.cybersecurityhub.gov.za/cyberawareness/>
<http://cyberaware.co.za>



IINGCEBISO NGOKWAZISA NGOKUKHUSELEKA KWI-INTANETHI

ABANTU ABAQEQUE SHELIWE UKUNCEDA NGE-INTANETHI



Sikukhokela Kwinethiwekhi Ye-Intanethi



Uhambo Oluya Kwinethiwekhi

Ye-Intanethi

Gcina uxanduva lophawu Iwedijithali - Qonda ukuba izinto ozenzayo okanye owabelana ngazo, zisenokugcinwa ngonaphakade kwinethiwekhi ye-intanethi.

Zilumkele lingozi kunye Nezisongelo Kwi-Intanethi – Unelungelo lokukhuseleka kwi-intanethi kodwa khumbula kwanokuba uziphathe kakuhle nangendlela efanelekileyo.

Kulumkele ukwabelana ngenkczelo yakho yobuqu – Inkczelo isenokubiwa ize isetyenziswe zizaphuli-mthetho okanye ziyyithengise kwiimarike.

Ukukhusela Abantu



Xela ukuhlutshwa kwi-intanethi – Ukuba ulixhoba lokuhlutshwa, gcina ubungqina boko. Khumbula ukuba unamalungelo ngokoMthetho ka-2011 Wokuhlukunyeza waseMzantsi Afrika. Xeleta umntu omdala omthembayo, musa ungakuhoi oko, kuxele!

Zilumkele izisongelo zobuqu kunye neze-intanethi – Ngokwazi ngazo zonke iingozi kunye nezisongelo, unokuzigcina ukhuselekile wena kune nosapho lwakho.

Zihlonele wena uze ube nembeko kwabanye abantu – Ukuba kwi-intanethi akuthethi ukuba unelungelo lokuziphatha kakubi.

Ukukhusela liDivayisi



Fundisanani – Ncedanani ngokudlulisa inkczelo ngee-app ezintsha, iiwebhusayithi iteknoloji, kune nezisongelo – ngalo lonke ixesha yabelana uze unxibelelane.

Gcina iividayisi zakho zefowuni zikhuselekile yaye zinqabisekile – Qiniseka ukuba iividayisi zakho zinqatysiswe ngekhowudi okanye iphasikhowudi. Kwakhona qiniseka ukuba inkczelo yakho yobuqu iyakwazi ukucinywa noba iphi.

Zikhusele nxamnye neenkqubo zekhompyutha eziyingozi – Hlaziya zonke ii-app uze ufaakele iinkqubo ezinxamnye neeprogramu eziyingozi kuzo zonke iividayisi zakho.

I-Smart Apps



Waqonde amajelo okuncokola – Maninzi amaqonga amajelo okuncokola azo zonke iintlobo – amahle namabi! Khetha nogobulumko.

Khuseleka xa ujonga kwiwebhusayithi – Sebenzisa kuphela iiwebhusayithi ezikhuselekileyo nezisemthethweni nezidume kakuhle ezisetyenziswayo kwi-intanethi. Qiniseka ukuba kukho uphawu lweqhaga ngasentla kwibrawuza yakho.

Lumka kuzo zonke i-apps kune namaqonga emidlalo – Sebenzisa igama lokuloga elinzima uze ungaze wabelane ngenkczelo yakho yobuqu okanye idilesi nabantu odibana nabo kwi-intanethi.

Inkczelo Eluncedo



Yenza ukhuseleko lokukhangela kwibrawuza yakho – Zikhusele nxamnye neewebhusayithi ezimbi. Hlola kuphela izinto ezimayelana neminyaka yakho uze uixelete iiwebhusayithi ezaphula imithetho.

Zama ukuzigcina usexesheni ngezikemu ze-intanethi zamvanje – Izaphuli-mthetho zisoloko zikhangela iindlela ezintsha nezikrelekrele ukuze zikusikeme.

Lawula iiphasiwodi zakho kakuhle – Ungaze ubhale iphasiwodi yakho phantsi okanye usebenzise iphasiwodi efanayo kuzo zonke iiwebhusayithi ozityelelayo okanye ozisebenzisayo.



British
High Commission
Pretoria

UNISA | college of
science, engineering
and technology

Ngenkczelo engakumbi tyelela:
<https://www.cybersecurityhub.gov.za/cyberawareness/>
<http://cyberaware.co.za>






Notes



Notes

LUMKA UZE UKHUSELEKE XA UKWI-INTANETHI



YIMA

Kulumkele ukwamkela izimemo kwi-intanethi kanye nezicelo zobuhlobo.

JONGA

Musa ukungena usazi okanye wabelane ngeelinki kwiwebhusayithi ezingafanelekanga, ezicaphukisayo okanye ezinezinto ezikhathazayo.



ABANTUABAQEQESHELWE UKHUNCEDA NGE-INTANETHI

Sikukhokela Kwinethiwekhi Ye-Intanethi

Inxalenyen Yebhokisi Yekiti Yokwazisa Ngokhuseleko Lwe-Intanethi Kubafundi



British
High Commission
Pretoria

UNISA |



Ukuze ufumane inkcazelengakumbi tyelela:
<https://www.cybersecurityhub.gov.za/cyberawareness/>
<http://cyberaware.co.za>





British
High Commission
Pretoria

UNISA | 

Ngenkazelo engakumbi tyelela:
<https://www.cybersecurityhub.gov.za/cyberawareness/>
<http://cyberaware.co.za>

